

Phambili!

Vorentoe/Forward



Indaba 1/2012

Epreli / Meyi 2011

INQAKU LOMHLELI

Masigcobeni kule nyanga!

Ndingwenela ukwamkela wonke umntu kolu papasho lwalo lindexesha.

Kuluvuyo ukwabelana nani ngamanye amabali amatsha abalulekileyo kumasipala wethu. Mandiyivume into yokuba ezi nyanga zidlulileyo zowama-2012 bezixakeke kakhulu; kodwa sikhumbule ukuba siniphathele iindaba ezimnandi nezimiyoli!

Ndiyathemba nonke sele nizinile ukususela ekuqaleni kukaJanyuwari kwaye nizimisele ukusebenza kwizigqibo enizenze ngoDisemba.

U-Epreli yinyanga ebalulekileyo. AmaKrestu akhumbula ukubethelelwa emngamlezweni kukaYesu, isiganeko esehla kwinkulungwane ezininzi ezadlulayo. Abanye bakholelwa ekubeni umhla wokubethelelwa kukaYesu umele ukuba ube ngowokubhiyoza; bakholelwa ukuba zange Afe. Waphumla nje. AmaKrestu akholelwa ukuba uYesu nguNyana kaThixo kwanoMesiya, wabanjwa, watshutshiswa, wagwetywa nguPontiyusi Pilato ukuba abethwe ze axhon-ywe emngamlezweni. Ndiyathemba sonke sibe nexesha elimnandi lempelaveki ende.

UMasipala weOverstrand usoloko enethamsanqa lokuba ngoyena masipala uphezulu. Ulawulo luhamba kakuhle kwaye nomasipala usafumana iimbasa ngokunikezela iinkonzo kakuhle. Oku zizigqibo zokuzimisela nokukhuthala kwabasebenzi ukuqala kosezantsi ukuya koyena uphezulu.

Uyaka wama-2011 siwuvale sinezithuba ezibini esoMphathi kaMasipala nesoMlawuli kwiinkonzo zoLawulo. Ezi zithuba zivalwe kwasentloko kulo nyaka. Sonke siyazi ukuba isithuba soMphathi kaMasipala savalelwa ngomhla wo-1 Janyuwari 2012.

Kuluvuyo ukunazisa ukuba ukususela ngomhla wo-1 Matshi isithuba soMlawuli linkonzo zoLawulo sivalwe nguDesiree Arrison. Eli lelinye lamacandelo aphambili. Linamasebe amahlanu, ezomthetho, elabesebenzi, unxibelelwano, itekhnoloji yengcaciso namaxwebhu embali nezakudala.

UDesiree ngowasetyhini wokuqala ukuba nguMlawuli kuMasipala weOverstrand. Le yinguqu enkulu kumasipala. Unamava kwaye ebekumasipala iminyaka engaphezulu kweshumi. Uyazi yonke into yalo masipala uyalwazi nolawulo lwakhe. Simnqwenela konke okuhle kwesi sikhundla yanga iNkosi ingamnika bonke ubulumko bokuwenza wonke umsebenzi wakhe. Funda ngaye kwiphepha elilandelayo.

Okokugqibela ndinqwenela ukunazisa ukuba kwakhona umasipala unike abafundi ithuba lokwandisa ulwazi lwabo emsebenzini. Abo nguDenise Hertenberger noIsabell Steinhart abasuka eGermany. Uza kufunda ngabo kwakweli phepha.

Baza kufunda umsebenzi apha iinyanga ezintathu.

De kube limesha elizayo!

NOLUTHANDO ZWENI
UMHLELI/EDITOR



UDESIREE UNYUKELE

Ngomhla wo-1 Matshi 2012 uNks. Desiree Arrison uqeshwe njengoMlawuli: linkonzo zoLawulo. Linenekazi lokuqala ukunika isikhundla esiphezulu kumasipala.

Ukuqeshwa kwakhe kwamkelwe macala onke kwiBhunga ngokungakumbi kuba unyoke onke amanqanaba. UDesiree, owayesakuba ngutishala wesikolo semfundo ephakamileyo waqala ukusebenza eOverstrand ngowe-1998 njengonobhala weNjineli yeDolophu yaloo maxesha kuMasipala waseHermanus ngokubanzi.

Ngowama-2001 waqeshwa njengomncedisi woMphathi kaMasipala wasebenza kule ofisi iminyaka engaphezulu kwesibini. Ngowama-2003 wamkela



Nksazana Desiree Arrison

isikhundla sokuba nguMlawuli we-IDP – esi sikhundla satshintshwa kwathiwa nguMlawuli: iInkonzo eziMandla.

UDesiree uyayibulela intembeko ebokakaliswe kuye wathi injongo yakhe kukuxhasa ukunikezelwa kweenkonzo nokuphucula iinkonzo zecandelo lakhe ngaphakathi nakuluntu lweOverstrand.

linkonzo zolawulo ziquka iinkonzo ezimandla, ingcaciso netekhnoloji yonxibelelwano, iinkonzo zomthetho, unxibelelwano lombutho neenkonzo zokuxhasa iBhunga.

Simnqwenela konke okuhle kwimizamo yakhe yonke kwaye siyavuyisana naye ngeli nyathelo.

UMZANTSI AFRIKA - LIKHAYA!

UDenise Hertenberger nolsabell Steinhart ngabafundi bePublic Management abavela eGermany abaseMzantsi Afrika ngoku, kumasipala weOverstrand apho benza khona uqeqesho lwamava omsebenzi.

La manenekazi mabini anobubele akhethe ukuza kule ndawo yethu kwilizwe lethu ngenxa yobuhle balo. URhulumente waseGermany unegalelo lemali kutyelelo lwawo emzantsi Afrika. Aza kujikeleza kumacandelo ahlukeneyo eSebe leZemali ejonga indlela onke amacandelo aqhuba ngayo xa esenza umsebenzi wemihla ngemihla. La manenekazi akhethe ukugxila kwezezimali kwizifundo zawo zePublic Management.

Amava awo ukuza kuthi ga ngoku kukuba uluntu kwiSebe leeNkonzo zabathengi lunobubele kakhulu kwaye nabasebenzi ngokubanzi basoloko bezimisele ukuncedisa nto leyo yenza kube lula ukuphendula imibuzo yoluntu.

UDenise uthi: “Abantu baseOverstrand banobubele kakhulu xa ubathelekisa nabaseGermany – zimisele ukunika- intsebenziswano kwaye bayakuthakazelela ukunceda.” U-Isabell ube nethuba elimangalisayo xa ebesebhankini. Beben-gazi ukuba bangayitshintsha i-Yuro ibe yiRandi baza babuza kwinekekazi ebeli-semgceni webhanki. Eli nenekazi lenze konke ebelinokukwenza nto leyo ekhokelele ekubeni bancedwe ngokufanelekile-



U-Isabell Steinhart kunye u-Denise Hertenberger

yo. “Indimangalise kakhulu into yokuba umntu athathe inkxamleko engako enceda umntu angamazayo,” ubalise watsho.

U-Isabell noDenise baza kuhlala kule ndawo lonke ixesha labo bekuqeqesho; batyelele iindawo ezininzi ezinomdla eOverstrand, iindawo ezifana ne-penguin colony eBetty's Bay.

Xa bebuzwa ngemozulu emzantsi Afrika naxa bebuzwa ngamava abo eOverstrand bathe eGermany ngePasika kuwa ikhephu. Abazange bayifumane into yo-

kuhlengahlengiswa kombane njengoko kukhe kwamnyama apha. “Bekungekho mntu ukwenzeka kwayo le nto ngako oko siye soyika kakhulu.”

Aba bafundi banqwenela ukuza kuhlala eOverstrand ngenye imini; bayifumanisa iyindawo enomdla nekumnandi ukuhlala kuyo. Baza kubuya ngokukhawuleza bazithengele imizi kule ndawo.

Banqwenela ukuvakalisa umbulelo wabo kubaphathi nabasebenzi ngeli thuba balinikiweyo.

UHUGH-DANIEL UYAGQWESA KWIKHAMERA

UHugh-Daniel Grobler wawufumana umdla wakhe ekufoteni malunga neminyaka emibini eyadlulayo kodwa lo mfana onga-zigwagwisiyo akayibaluli njegebalaseleyo italente yakhe nangona oko kunjalo.

Uninzi lweefoto zakhe sezisetyenziswe yi-Die Burger, ngaxalinye usoloko efotela iGansbaai Media, ingakumbi kwezemidlalo.

UHugh-Daniel wazalwa ngowe-15 Agasti 1984 ezalelwa eSecunda eMpumalanga, ube ngumhlali waseGansbaai ukususela ngowe-1990. Imfundo yamabanga aphantsi wayifunda eGansbaai Primary waza imatrikhi wayiphumelela eHermanus Ukh ngowama-2002 – ngako oko ngowaseGansbaai nozwane. Waqala wasebenza eOmega Enterprises, emva koko wasebenza umasipala waseGansbaai esebenza kwiziko lonyangomanzi ngowama-2007 – isikhundla eso asasi-bambileyo.

“Eneneni ndandingenamdla ekufoteni kodwa kwiminyaka emibini eyadlulayo ndazithengela ikhamera etshiphu,” wakhumbula. Ngokukhawuleza nje emva koko izinto zacaca. “Ndikhawuleze ndafumanisa ukuba ukufota kungayinto enomdla neyanelisayo” watsho.

Ukuthandile ukufota wakhawuleza wangukfoti onobuchule. “Ingxaki nje inye kukuba ukufota yinto yokuzonwabisa ebiza imali eninzi kangangokuba “izinto zam zokudlala” zasuka zabiza kakhulu kakhulu”.

Uthi abantu bambuza ukuba wakhe wathatha izifundo zokufota na okanye wakhe wafumana uqeqesho ekufoteni kodwa wazifundisa ngokulinga emana ephazama abe azilungise afune ingcaciso kwi-intanethi. Ifoto zikaHugh-Daniel zeenkonjane kwi-Die Burger zibamangalisile abantu. Enye ifoto yomama oncancisa usana lwakhe ivele kwiphepha lokuqala enye ingaphakathi ihamba nenqaku elidlwengula umxhelo elibhalwe nguMorné du Plessis, “Koolstofkluit tref swaeltjes”. UHugh-Daniel wazithatha ezi foto kwiziko logutyulo-lindle elingaphandle kwedolophu.

I-Die Burger isebenzise neminye imifanekiso yakhe emihlanu (5) kwi-webhu-sayithi yayo yaphinda yavakalisa umdla wokuthenga eminye imisebenzi yakhe. Malunga neenyanga ezimbini ezadlulayo iZigZag Magazine ipapashe ifoto entle kakhulu yakhe yomkhweli-maza.

Ngethuba lodliwano-ndlebe alwenze neGansbaai Media umfanekiso womthi omkhulu owaziwayo osecaleni kwendlela kufuphi neentaba iAkkedis othathwe kumnyama. “Ndisebenzise isibane ukudala imo efanelekileyo ndaghuba ndithatha imifanekiso de ndathatha ongowona ulungileyo,” utshilo.

Ngelishwa le foto iphumeleleyo ayinakupapashwa ngokukoko ngombala omnyama namhlophe. UHugh-Daniel uthi inyathelo lakhe elilandelayo kukufota emishatweni nasemathekweni nangona ix-

sha lingekafiki.

Uilungu elikhutheleyo leGansbaai Photographic Club, edibana qho ngoMvulo wokuqala enyangeni eThe Great White House, ekhokelwa nguSanchia Chivell. Ifoto zikaHugh-Daniel zingabukwa ku-Facebook: HD Photography; I-imeyile yakhe ngu-hdgrobler@gmail.com.

- Hardus Botha

Imizekelo yefoto zikaHugh-Daniel Grobler ezingumngalisano awazithatha eDe Kelders nje phambi kokuqala kweDie Plaat.



UHugh-Daniel Grobler ungumfoti ogqwesileyo kwiminyaka nje emibini.

LUNGENISIWE UHLAHO-LWABIWO-MALI OLUQULUNQWAYO

Ibhajethi equlunqwayo yokusebenza kukamasipala nebhajethi yemali yowama-2012/13, neyoqikelelo yowama-2013/14 neyowama-2014/15 nemigaqo enxulumene nohlalo-lwabiwo-mali zinengenise kwintlanganisano yeBhunga yomhlala wama-28 Matshi 2012.

Ulungu ngoku lunganika izimvo zalo de kube ngowama-30 Epreli 2012. Iingxoxo namalungu ephondo nohlalo-lwabiwo-mali, amaxabiso eenkonzo, imigaqo namagqabantshintshi ziza kwenziwa ngoEpreli nangoMeyi.

Izindululo zokugqibela nemigaqo iya kuqwalaselwa liBhunga ngomhlala wama-30 Meyi 2012.

I-Overstrand Municipal Advisory Forum, enamalungu asuka kwiinkomiti zee-wadi nabanye abathathinxaxheba badibene ngoLwesihlanu umhlala wama-30 Matshi kusenzelwa ukuba baziswe ngesicwangciso soPhuhliso oLudibeneyo esitsha nangebhajethi kaSodolophu uCeba uNicolette Botha-Guthrie, noSihlalo weKomiti yeZeemali uCeba uBen Solomon, uMlawuli woLawulo lweeNkonzo uNks. Desiree Arrison, noMlawuli weZeemali uMnu. Henk Kleinloog.

Iyonke imali yebhajethi yowama-2012/13 – eyokuqhuba kukamasipala nenkunzi idibene – zizigidi ezingama-R926 mali leyo eya kunceda kakhulu kuqoqosho lweOverstrand. Iindleko kumsebenzisi zisezantsi zinyuke nge-6% kwirhafu yemihlaba, nge-8% kwimihlaba yoshishino nange-6% kwiinkonzo zabathengi. Ukunyuka kombane nge-13,5% kungaphaya kolawulo lukamasipala njengoko luphantsi kwe-National

Electricity Regulator (NERSA).

Uhlalo-lwabiwo-mali lwenkunzi olundululwayo li-R142 928 088, luhle ngama-23% kwibhajethi ehlengahlengisiweyo yowama-2011/12 ye-R189 186 000. Umasipala uyaghuba nombono wakhe wexesha elide wokulondoloza kwizibonelelo ezitsha ezininzi nakuphuculo lwezizibonelelo njengoko ebenzile kule minyaka mine idlulileyo xa ebeqwalasela ukuba semva nokuqinisekisa unikezelo zinkonzo okukoko.

Ibhajethi yenkunzi iyonke zizigidi ezili-R103,5 ebonelelwe ngemali phakathi kwezinye ngemali-mboleko yangaphandle ezizigidi ezingama-R40 nemali eziinkozo ezizigidi ezili-R14,5. Le mali ayiquki iimali-mboleko ezijoliswe kwinto enye ezifana nezamanzi, ugutyulo-lindle nombane.

Imali ezizigidi ezi-R6,5 yabelwa iiprojekthi ezithe ngqo kwii-wadi - R500 000 kwiwadi nganye kwezili-13.

Ibhajethi yokughuba kukamasipala zizigidi ezi-R782 751 923, xa kuthelekiswa nebhajethi yangoku ye-R727 404 175 – ukunyuka nge-7,16%.

Imivuzo nezibonelelo iquka izigidi ezi-R226,5 okanye 28,9% yenkcitho kwibhajethi. Eli nani liquka imivuzo yooceba. Abasebenzi baza kongezwa ngabali-9. Uqikelelo lubandakanya unyusomivuzo nge-5%, olusekwe kwiqondo lokunyuka kwamaxabiso kwiinyanga ezili-12 njengoko kungekabikho sivumelwano semivuzo.

Iyonke ibhajethi ngama-R685 825 844, kungabandakanyi izibonelelo. Oku kumbelana nebhajethi ehlengahlengisi-

weyo yama-R629 731 398 kowama-2011/12 ebonisa ukunyuka nge-8,91%.

Malunga nerhafu yemihlaba yokuhlala kuphakanyiswa ukuba kube kho abangachaphazelekiyo nezaphulelo. Imihlaba yezolimo mayinikwe ixabiso kwiqondo lama-25% kwisenti kweyeendawo zokuhlala ukuze ingeniswe kunyaka wesibini kwemithathu ze ibe ngama-20% kulo nyaka uzayo.

Malunga nokunyuka okuli-13,5% ekuthengeni umbane abasebenzisi baza kuhlalwa ngokwamaxabiso enyukayo ngokumiselwa ngu-NERSA. Iibhokisi zokubala umbane ezasekhaya, ezombane othengwayo nezinombane zahlulwe nge-8%, 6% ne-4% ngokulandelelana kweebhloko 2, 3 no-4 ukukhuthaza abasebenzisi ukuba baguqukele kumbane othengwa ngekhandi.

Amanzi nogutyulo-lindle amaxabiso amiselwe ngokwexabiso lokunikezelwa kwenkonzo leyo, umndilili wokunyuka usi-6%.

Ngaphandle kokufuna ukulawula ngeindlela eyiyo amanzi, into enqabe kakhulu ukunyuka kombane neekhemikhali zokucoca amanzi kube negalelo elikhulu kwixabiso lokunikezela le nkonzo. Ibhloko yokusetyenziswa kwamanzi ibekwe kwixabiso elifikelekayo elisisiseko ukuya kuma-30 kl ikhaya ngalinye ngenyanga. Amaxabiso athintela ukusetyenziswa kakhulu kwamanzi noku lungisa ukungahlawulelwa kwawo kuza kuqhuba. Icala elisezantsi lamaxabiso kuye kwafuneka lihlahlaziwe ukwenzela ukulungelelanisa iindleko zokubuyisela ubonelelo ngamanzi.

Ukulunganiswa kwamaxabiso ogutyulo-lindle kuyo yonke imihlaba esedolophini kukunyaka wokugqibela wokungeniswa kwawo kangangokuba yonke imihlaba ihlawuliswa ixabiso elisisiseko elifanayo. Enye into ekhoyo ngoku ngamaxabiso ahlawuliswa ngokomthamo wamanzi asetyenzisiweyo kuphelwe kweyona ndawo iphezulu nangona abanye abasebenzisi besenokukhetha phakathi kwexabiso ngokomthamo wamanzi asetyenzisiweyo nexabiso ngokwenkonzo enikezelweyo.

Amaxabiso othuthonkunkuma achatshazelwe kakhulu kukunyuka kwamaxabiso amafutha okuhamba. Kuza kuthuthwa kube kanye ngeveki ngoku eHermanus kwaye amaxabiso alungiswa ukwenzela ukwamalanganisa kuyo yonke iOverstrand. Enye into ebenegalelo lizala lengingqi iKarwyderskraal, elilawulwa nguMasipala weSithili iOverberg. Esi siza sizele qhu kwaye indawo entsha iza kugqitywa ngowama-2013. I-Overstrand ibihlawula iindleko eziphezulu ngokuthutha inkunkuma iyise kwizala eliseGansbaai nebhajethi bekufuneka ilungiselele ukwakhiwa kweseli eyongezelweyo eGansbaai kwile minyaka mibini izayo.

Iindawo eziphambili ezingumngcipheko ziqatshelwe kwaye ziza kubekwa elisweni apha enyakeni. Ziquka ukutshintsha kwemozulu negalelo loko ngokwamaxabiso onyaka ekusetyenziseni kwamanzi nto leyo ebangela ukuba ibhajethi ichaphazeleke.

Ukunyuka kwamaxabiso ombane enyuswa nguEskom kulindeleke ukuba kube negalelo elibi ekukhuleni.

UVUYO NO SIZI

I-RELAY YE-CANSA IZISA ITHEMBA NOMANYANO KWI-OVERSTRAND

Malunga ne-1 000 labahlali beOverstrand badibene kwisikolo semfundo ePhakamileyo iHermanus ngomhla we-16 no-17 Matshi 2012 beyokunika inkxaso yabo kumbaleko waminyaka le weCANSA.

Abasebenzi bakamasipala bebengelanganga nje ukuba kho koko bathathe inxaxheba. Ukuthatha inxaxheba kukamasipala kulo nyaka kuqatshelwe ngokuba ngumbutho wesibini kweyona mikhulu eMzantsi Afrika othathe inxaxheba kwayonyena mxhasi uphambili eHermanus.

Ukususela ekusekweni kolu khuphiswano kwiminyaka emine eyadlulayo uMasipala weOverstrand wazayamanisa nesi siganeko saziwa kuzwelonke nakwihlaba. Abasebenzi nooceba bayakhuthazwa ukuba bathathe inxaxheba.

Kulo nyaka inani lamaqela kamasipala liphindaphindeke kabini ukusuka kwa-9 ukuya kwali-18 iqela ngalinye linamalungu ali-10-15. NgokweKomiti eququzelela esi siganeko inani labantu abathatha in-



xaxheba liqikelelwa kuma-5000 laphindaphindeka kwelalo nyaka uphelileyo.

USodolophukazi uNicolette Guthrie-Botha kwintetho yakhe yokuvula uthethe:

“Abantu abasikhuthazileyo ngabasinde kumhlaza. I-CANSA Relay for Life sesona siganeko sikhulu kwi-khalenda yethu. Ndibona uluntu lumanyana ekulweni nomhlaza luhleli ubusuku bonke lubhiyozela esi siganeko sinexabiso.” Ufunde nombongo wokumilisa ithemba nomanyano kuwo onke amathandazwe.

Abasebenzi bethu baqhuba ubusuku bonke behamba bejikeleza. UNks Liezl Bezuidenhout osebenza kwicandelo le-zokusingqongileyo ubekwiqela elijiwuzayo wasenza sanelunda ngokuphumelela ukujikeleza imizuzu engama-50. Siyavuyisana naye ngebhaso lakhe lenyanga kwi-gym uPro-Active.

Sinqwenela ukubulela kubasebenzi bethu neenkokheli zamaqela ezithaWe would like to thank the inxaxheba kwesi siganeko. Ukuba awunakusoyisa nceda ungene kwicala lethu kwi-2013 CANSA Relay for Life.

- Aron Gcotyelwa

Ulwulo lwase Gansbaai KWI-SHAVATHON



Ulizwe ngenye intombazana



Ngubani othe awunakulufumana usana emva kweminyaka engama-40? UCEba u-Michelle Sapepa ufumene iqumqum losana oluyintombazana oluphilileyo uZinathi eHermanus Medi-Clinic ngomhla we-15 Februwari 2012, usuku olusemva koSuku lwabathandanayo (Valentine's Day).

UMichelle unamantombazana amabini. Kweli ityeli ebenethemba lokuba u-Mdali uya kumsikelela ngenkwenkwe kodwa loo nto ayenzekanga – endaweni yoko ufumene enye intombazana entle.

UMichelle ukholelwa ukuba le yintsi-kelelo. Uthi lonke usapho luyalwamkela olu sana kwaye unethemba lokuba uZinathi uza kuzisa ulonwabo nothando ku-sapho lonke.

AMANENEKAZI ACHEBILEYO NEZIMVO ZAWO



“Annelize Visser – Ibingeyonto nje yefashoni ibiyeka-CANSA.”

besichukumisekile sinebhongo kuba mna nonyana wam sichebele umakhulu wakhe owasweleka ngenxa yomhlaza. Nantsi ifoto yakhe nam. Nibenemini emnandi.

– Dane Laing

“Kusuku lokuqala ndaziva ndize, ndibhencekile ndisemngciphekweni de ndakhumbula ukuba kanene ziinwele nje kuphelaAbantu abaninzi babecinga ukuba ndiligorha kodwa ndiyithathi kanjalo le nto. Ndiyenzele utata – wandenzela izinto ezininzi kunale nto. Into endiyithande kakhulu kukuphendula umntu obuze ukuba ziphi na iinwele zam, ndathi ndiyazazi ukuba ziphi kodwa yena ingaba uyazazi ukuba ziphi ezakhe iinwele?”

– Elize Verrij

“Ndize ndikhululekile xa ndinenkqayi. Ndicebele usapho lwam olwasweleka ngenxa yomhlaza. Ukufika kwam ekhaya umama undijonge nje kwakanye walila iintsuku ezimbini! Awona mava abengahelekanga kuxa bendilele, ibingavakali ngathi yintloko yama. Kuthathe ixesha phambi kokuba ndiyiqhele!”

– Maggie Gouws

“Andizange ndikuthande ukuthwala ikepusi kuba andizange ndikhe ndigodole entloko kodwa ngoku xa ndisiya kulala kufuneka ndithwale entloko kuba intloko yam neendlebe ziyagodola.”

– Sonja Africa

INKONZO ENGAMA-25 EMINYAKA KAGEORGE



UGeorge van der Radt wakwaMasipala waseGansbaai waqala ukusebenza njengomsebenzi wepeki kumasipala ngomhla we-5 Janyuwari 1987. Iqela elisebenzayo awyengomnye walo lalimamagosa asi-8, amathathu ese-ofisini. Umabhalana wedolophu yayinguWillie du Toit.

Ngeloo xesha ii-ofisi zikaMasipala zazikwikona yesitalato

iChurch – neKoöperasie; emva koko umasipala waya kwii-ofisi ezinkulu kwisitalato iChurch.

"Ngeloo xesha omabhalana ababini yayinguHantie Vermeulen noSueleen Vermeulen," uyakhumbula uMnu. Kat Myburgh, umlawuli wengingqi yolawulo lukaMasipala weOverstrand eGansbaai.

Uthe uGeorge wanyuselwa wakwindawo yokuba yi-operator: umbangobuso ngomhla wo-1 Julayi 1999, umvuzo wakhe uli-R100 ngosuku. Emva koko uGeorge wayi-supervisor/team leader kuthutho-nkunkuma.

Ngoku uGeorge ukwisikhundla sokuba yi-team leader: uthutho-nkunkuma, kodwa usebenze njengeforimani: uthutho-nkunkuma. Kwintlanganiso edlulileyo yekomiti ye-wadi uGeorge unikezelwe ngokusesikweni isiqinisekiso senkonzo ende yentembeke yeminyaka engama-25 nguCebakhulu uPieter Scholtz, uSekela-Sodolophu weOverstrand uMnu. Kat Myburgh noMnu. Dirk Crafford, umlawuli: iinkonzo zokusebenza kukamasipala.

ABAQASHIWEYO NABA NYUSELWEYO

ABAQASHIWEYO NGO EPRELI 2012	
Me H le Roux	Unobhala womlawuli wezemali
Mnr C C Petersen	Umncedisi kwizitrato nemizila yendlela
Mnr E M Müller	Umsebenzi kwigumbi lokukhontrola umasipala
Mnr J Z v d Merwe	Umsebenzi eGansbaai
ABANYUSELWEYO NGO EPRELI 2012	
Mnr J J Aploon	Umsebenzi eKleinmond
ABATSHINTSHIWEYO NGO EPRELI 2012	
Me Z Botma	Unobhala kwilayisenisi eGansbaai
ABETHUTYANA NGO EPRELI 2012	
Mr L J Nel	Umlholi wezakhiwo wexeshana ususela ngomhla

ABAZALWA KWINYAGA KA MEYI

IGAMA	UMHLA	ICANDELO	IDOLOPHU
Mxhosa, Zolani	1	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Mshenxiswa, Mzameni	1	Usodolophu	Hermanus
Bartman, Mike	2	Inkonzo Zokuhlala	Hermanus
Claassen, Michael	2	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Dyonta, Mzwandile	3	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Thomas, Mongameli	3	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Potgieter, Malcolm	3	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Damon, Jenz	3	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Dayimani, Mtetunzima	5	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Botha-guthrie, Nicolette	5	Usodolophu	Hermanus
Adams, Aden	6	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Andries, Amos	6	Inkonzo Zombane	Hermanus
Adonis, Ncediswa	7	Ulawulo Lwengingqi	Hermanus
Koert, Neville	7	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Mavume, Bulelani	8	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Van Rhodie, Denovan	8	Inkonzo Zokuhlala	Kleinmond
Du Plooy, Rene	8	Iofisi Kasodolophu	Hermanus
Mafuya, Luanda	8	Inkonzo Zemali	Hermanus
Kaptein, Lukas	9	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Miller, Shaheed	9	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Henn, Michael	10	Inkonzo Ezendalo	Hermanus
Green, Neville	10	Inkonzo zoyilo no Plano	Kleinmond
Kleinloog, Henk	10	Iofisi Yomlawuli	Hermanus
Cornelius, Charl	10	Inkonzo Zemali	Hermanus
Vantyn, Antonie	10	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Msopi, Thembelani	10	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Tshefu, Zingani	10	Inkonzo Zokhuseleko	Hermanus
Adonis, Karel	10	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Wiltshire, Phillipus	10	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Nyabasa, Aletta	11	Ulawulo Lwengingqi	Hermanus
October, Gerrit	11	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Mlityalwa, Kutsutsu	11	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Matthews, Susan	11		Hermanus
Bhala, Caswell	12	Inkonzo Zombane	Hermanus
Madlavana, Gancuncu	12	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Mantashe, President	12	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Franken, Hendrik	12	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
De Gruchy, Phillip	13	Inkonzo Zokhuseleko	Hermanus
Botma, Zelna	13	Inkonzo Zemali	Hermanus
Mape, Mvuyisi	14	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Mayile, Zamubuzwe	15	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Gaika, Siphelo	15	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Coetzee, Gerhardus	15	Ulawulo Lwezokwakha	Hermanus
Louw, Jacobus	15	Inkonzo zoyilo no Plano	Hermanus
Villiers, Paulus	15	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai

IGAMA	UMHLA	ICANDELO	IDOLOPHU
Havenga, Juan	15	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Europa, Andrew	15	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Alexander, Johannes	15	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Boshoff, Helgaardt	16	Uyilo Lwedolophu	Gansbaai
Bergendahl, Wendy Joan	17	Inkonzo Zemali	Hermanus
Mapuma, Zoliswa	18	Human Resources	Hermanus
Lewies, Patrick	18	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Hermanus, Constance	18	Inkonzo Eziqhubekayo	Stanford
Mars, Craig	19	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Sauls, Deon	20	Ulawulo Lwezokwakha	Hermanus
Hansen, Adolf	20	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Badenhorst, Gabriël	20	Inkonzo Zokhuseleko	Gansbaai
De Jager, Reanli	21	Ulawulo Lwezokwakha	Hermanus
Jacobs, Adriaan	21	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Grobler, Gerhardus	21	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Pietersen, Renville	22	Ulawulo Lwengingqi	Hermanus
Du Plessis, Jacobus	22	Inkonzo zoyilo no Plano	Hermanus
Myburgh, Marie	22	Inkonzo Zemali	Hermanus
Du Plessis, Louis	22	Inkonzo Zokhuseleko	Hermanus
Bruwer, Hanlie	22	Inkonzo Zemali	Hermanus
Kuse, Lindile	22	Inkonzo Zombane	Kleinmond
Tukutezi, Mbulelo	23	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Sitemela, Zoleka	23	Ezezindlu	Hermanus
Adams, Morne	23	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Christoffels, Angelo	24	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Slabbert, Josef	24	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Pillay, Joan	24	Inkonzo Zokhuseleko	Hermanus
Hendricks, Farral	24	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Grobler, Christiaan	25	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Moli, Sivuyile	26	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Matthews, Rosaline	26	Ulawulo Lwengingqi	Kleinmond
Lubeni (tshazibane), Nadina	26	Human Resources	Hermanus
Hull, Hilton	26	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Malongwana, Bulelani	28	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Swartz, Claude	28	Inkonzo Zokhuseleko	Hermanus
Januarie, JJ	28	Uceba	Hermanus
Gouws, Magdalena	29	Ezezimali	Hermanus
Loubser, Daniel	30	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
May, Phillipus	30	Usodolophu	Hermanus
Rooi, Frederik	31	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Thesen, Ingrid	31	Ezezimali	Hermanus
Jimlongo, Audrey	31	Ezezimali	Hermanus
Prins, Abraham	31	Inkonzo Zokhuseleko	Hermanus
Benjamin, Marvin	31	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Paulse, Portia	31	Ezezimali	Stanford